**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINAMBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA : 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu u-A, B no C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo.
- Nombola imibuzo yakho ngokomyalelo.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kambe inkoliso yabantu yamangaliswa isakuva ukuba ubanjiwe uMvubo ngenxa yokukrokrelwa ngokuhlaba umntu. Kaloku lo mfo kaNyikima wayehlonelwe ngabantu abaninzi. Wayeyingqwayingqwayi yecandelo labaNtsundu kwiziko lokushicilela amacwecwe omculo, eBraamfontein, ekwalilungu lequmrhu elisingethe imicimbi yeSoweto. Wayengumtya nethunga noyise "wenkedama".

Zininzi izazi emhlabeni kunjalonje kukho nezingazi nto. Kwabakho abantu abasaziyo isizathu sokuba uMvubo lo achaphazeleke kule nyubatyha ngaphandle nje kokufunyanwa kwesazisi sakhe esikhundleni sengxwelerha. Kaloku intombi yakhe engumafungwashe yayisakuba yinkosikazi yalo mfana wakwaTshangela. Kwakungangeni moya phakathi kwakhe nayo bada batshata. Kodwa ke loo mtshato wabo awuzang' uhlale xesha lide kuba waphelel' emoyeni uqhawulwa ngumyeni lo kuba inkosikazi yakhe le yasuka yathinjwa ziziyolo zelizwe okwentombi esancwase ukwenda. Ekuhambeni kwethuba le ntombi kaMvubo yatshelwa zizicheku yaza yakhumbula iintsuku zayo zomtshato, yagqiba kwelokuba icele ukubuyela kumyeni wayo koko yena wasuka wabhebhetha mpela. Makube ke isizathu sokuba uMvubo azame ukubulala umfana owayesakuba ngumyeni wentombi yakhe kukuba engasayamkeli. Zazicikoza zisitsho ke iincoko zabantu abathile xa benika ezabo izimvo malunga nale ntlekele. Kaloku yayingundaba-mlonyeni ngakumbi ezindywaleni phaya.

Kanti ke eyona nyaniso yavela nomfana kaTshangela esakuphila esibhedlele. Waxela ukuba wayekhuthuzwe nguSizwe, waza wamhlaba akugqiba, khon'ukuze kungabikho bungqina. Wayejonge ukumbulala koko wasinda. Kwathi akumangala emapoliseni okaTshangela wabanjwa uSizwe, laxoxwa ityala ngomhla obekelwe lona. Walivuma wakhutshelwa ngaphandle uMvubo, umfo kaNyikima. Wagwetywa, wavalelwa iminyaka emibini entolongweni uSizwe.

UMnu. Mazepha waziva enyele sesi senzo sonyana wakhe, wazimisela ukumhlamba esakuphuma entolongweni. Wayeyikhankanya kambe utitshala lo nento yokuba lo nyana wakhe uyamhlaza nangale nto yokuhamb' esithi uyinkedama. Mhlawumbi yena wayengazi ukuba le mikhwa yayiphenjelelwa nayintsangu awayeyitshaya gqitha uSizwe.

Waphuma entolongweni lisakufika ixesha umfana waseDobsonville, eSoweto. Zamhlebela engekafiki kowabo iimpukane eziluhlaza malunga nezisongelo zikayise, akabi sagoduka ke njengoko wayeqhel' ukwenjenjalo xa esengxakini enkulu. Wakha wakutyeshela ukuhlaba abantu, ekhumbula esezolo phofu engayekanga ukuxhoba ngemela.

Kusenjalo, kungadlulanga thuba lide, wathi nyamalala engaziwa mntu apho aye khona, wabuya eqhuba iveni eligxokogxoko. Yayiyeyakhe, ngokutsho kwakhe. Wadibana nabahlobo bakhe baseNaledi wadl'ubomi bakhe bangaphambili.

Babebaninzi kakhulu abantu ababegqejwa uduma olungophiyo "yinkedama," ibetha ngamava kuloo nto phofu ingenayo nakancinci ingcinga yokuba iya kuze igqejwe olungophiyo nayo ngenye imini. Ngamhlazana uthile yaqhuba iveni yayo yaphumela ngaphandle kwemida, kwathiwa iye eZambia. Yabuya ilayishe isikali sokuveyisha inyama esilarheni. Yayisifumene ngeendlela ezaziwa yiyo kuphela. Into eyasuka yayinqambuzane kukufumana unosilarha ovumayo ukusithenga. Kaloku abathembananga abanye abantu baseSoweto. Balumkelene kunjalonje basoloko bekrokrelana. Lo moya ukho nakubamelwane kunjalonje kukho nabangabulisaniyo, abasoloko begxeleshene ngezikhondo zamehlo. Ngulo moya ke lo wabangela ukuba ibetheke ngenyheke elityeni "inkedama" yada yabhenela kuMashwabane iyokufuna uncedo. Lowo ke yayingumfanaosebenza kumzi-mveliso wokwenza izikali zenyama ngase Faraday. Wayeyincutshe koomatshini bokwenza izikali zenyama. Wayesaziwa kunjalonje exatyisiwe ngoosomashishini abathile, kwaye ke kuthiwa wayekhe abagwevele kwiminyango engasemva maxa wambi.

"Khawundincede, ntanga maan, undithengisele esi sikali ngamakhulu amahlanu eerandi. Mna ndiza kukuvava nge-1/3 yaloo mali, ukwenza umbulelo. Kudala ndizama, akukho mntu uvumayo ukusithenga kum. Abanye basuka bathi mandiqale ndibabonise iphepha-mvume lokusithengisa. Ndiyahlupheka, mfo wethu. Ndiyinkedama ubona nje," watsho uSizweethetha isiguvela saseSoweto kodwa apha soyibhala ngesiXhosa intetho yabo.
"Ubusifumene phi?"
"Ezindaweni zam."
"Usifumene njani?"
"Ndisifumene ngeendlela zam ezizodwa. Ikude kuwe le nto uyibuzayo, Shakes. Ndifuna uncedo qha kuwe, andifuni mibuzo."

1.1.1 Wayesebenza phi umfo kaNyikima? (1)

1.1.2 Wawuyintoni umsebenzi wakhe? (1)

1.1.3 Wayebanjelwe ntoni lo mfo? (1)

1.1.4 Nika isizathu sokuba uMvubo asolwe ngokuhlaba uTshangela. (1)

1.1.5 Yintoni uMafungwashe? (1)

1.1.6 Wakhululeka njani uMvubo eluvalelweni? (1)

1.1.7 Ngubani enyanisweni owayehlabe uTshangela, isizathu iyintoni? (2)

1.1.8 Yintoni eyayibangela ukuba uMnu. Mazepha adane kangaka sisenzo sonyana wakhe? (1)

1.1.9 Ucinga ukuba isimilo esibi kangaka wayesithatha phi uSizwe? (2)

1.1.10 Kha ucacise la mabinzana:

a) Zamhlebela iimpukane eziluhlaza. (2)
b) Le meko yayingundaba-mlonyeni. (2)
c) Wayeyincutshe koomatshini bokwenza izikali. (2)
d) Wayeyingqwayingqwayi yecandelo. (2)

1.1.11 Tshatisa iziqwengana eziku-A nezo ziku-B. Bhala isimboli kuphela.

| A | B |
|---|---|
| 1. Babengumtya nethunga. | A. Wala. |
| 2. Wazimisela ukumhlamba. | B. Babeqhathwa. |
| 3. Babegqejwa uduma olungophiyo. | C. Ukugxothwa. |
| 4. Wabhebhetha mpela. | D. Babevana. |

(1x4=) (4)

1.1.12 Yinyaniso okanye bubuxoki oku kulandelayo? (1)

A. Umfana kaTshangela wayehlatywe nguMvubo. (1)
B. UMnu. Mazepha wayedanile zizenzo zikaSizwe. (1)
C. USizwe wayeyinkedama. (1)

1.1.13 Nika isizathu sokutyholwa kukaNyikima ngokulimaza umntu. (1)

1.1.14 Chonga kwisicatshulwa umqolo obonisa ukumangaliswa kwabantu sesi senzo soyanyaniswa noMvubo. (1)

1.1.15 Akuphuma entolongweni uSizwe waqhubela phambili ngobukrelemnqa. Cacisa. (2)

1.1.16 Khetha impendulo echanekileyo. Bhala isimboli.

A. USizwe yamlungisa intolongo.
B. USizwe wayesisikrelemnqa ngenxa yokuhlupheka.
C. Isimilo sikaSizwe sasiqhutywa yintsangu. (1x1=) (1)

1.1.17 Moya mni ongathandekiyo kubantu abathile baseSoweto? (2)

1.1.18 Nika isihloko esingafanela eli bali. Khetha kwezi:

A. Umvundla uzeke indlela.
B. Umthathi uyawuzala umlotha.
C. Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba. (1x1=) (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

**ISISHWANKATHELO**

Shwankathela esi sicatshulwa singezantsi ngezivakalisi ezilishumi ungalahli umongo wendaba.

Akukho nto izingca, nezigwagwisa, amatshamba njengentsukaze, ngako nje ukuba imise obesibini ubuhlanti. Iye ifune ukuba wonke ubani abuse kuyo, ayinqule ngokungathi sisithixwana apha esithile. Uthi akuphakama umfo omkhulu nokuba kusenkundleni, eyibambe apha esinqeni ingubo yakhe, kubonakale ukuba nokuba uthetha into efe amanqe, mayimanyelwe kuba ithethwa ngumntu, oneento zakhe. Phofu le yimposiso eyenziwayo kwaNtu, ukuba ithi indoda yakuzibala iintlanti kufuneke inikelwe imbeko yayo nokube na iyifanele nokuba ayiyifanelanga. Kude maxa wambi uzibone neenqawa zisuswa emilonyeni kuphulwaphulwa loo ndebelefele nokuba iqulathe ntoni na nokuba isingise phi na.

Ukanti ke iqala ibe mandundu le nto, yakusondela kwizinto zempucuko intsukaze, kuba isuka ifune ukuza neziya zasebumnyameni, elukhanyweni. Mayiguquke wena ibe ligoba-bhatyi, uqale uyibone into yakho. Ithi ingqobhoko ifune ukuyithabatha yonke ngaxesha linye, iyifunqule ngazo zozibini, iyibeke esifubeni phofu irhuqa ikakade layo ngasemva. Ifika ke le nto ibe yindidi nakubefundisi belizwi, kuba uthi unkabi lo ngezinwe zakhe nangamatshamba akhe, aqhele ukuwenza apho avela khona azame ukubonisa ukuba nguyena ugqobhoke ngaphezu komntu wonke. Balandele ke nabantu beNkosi bemfamekile mpela koku kubelezelelwa kungaka, njengasenkundleni apho lisuka khona igoba-bhatyi, bangaze bakhathalele nokuziqwalasela iziphene kwisimo salo mfo umtsha enkonzweni.

UHluziphela, umfo wasemaNzothweni, wayeyindangandanga ethi yakuphakama enkundleni, zithi qithi – qithi iinqawa, zishiyana ukuwa phantsi. Ube ngumphakathi omkhulu kankosi uVuzizinkcwe (A! Twezitakane!) kuloo lali inkulu yaseMdabane. Isigantsontso somfo oneziphika, othi xa emile ethetha enkundleni, eyithe khunqu ingubo yakhe apha esinqeni, ethe ga isifuba ngathi ligala, emana ekhwexa ngapha nangapha ngengalo, ewisa ngapha nangapha ngentloko, phofu ethetha into ephuthileyo, ufike amehlo ethe ntsho kuye, iinqawa zisusiwe emilonyeni. Athi akuhlala phantsi idume yonke inkundla "A! Njayibuzwa!" Yayingabuzwa ngenene nokuba ikhonkotha ntoni na kuba umfo lo iintlanti zakhe zazintathu. Kwaye futhi kwakungakhange kurhaneleke nto ngaye, engazange ahletywe nokuhletywa ngobu butyebi bakhe bungaka, kuba wayenezinwe zokunqoma ebantwini, nokubusa enkosini.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

Phendula yonke imibuzo kweli candelo.

**UMBUZO 3**

3.1 Kha usebenzise ezi zifanekisozwi, uvale izikhewu kulo mhlathi ulandelayo. Bhala kuphela isifanekisozwi.

Guququ, nkcwe, sithe, tshoniyane, cwaka.

Ndaza ndee 3.1.1 ukuba ndibone lowo wayethetha emva kwam. Uthe akuthi 3.1.2 lowo ndandimbona embonweni, kwee 3.1.3 okomzuzwana. Kusenjalo 3.1.4 enzulwini yolwandle lowo wayemi phezu kwamaza. Kwathi 3.1.5 kwanga akukho nenye into ebikhe yakho ngaphambili.

(1x5=) (5)

3.2 Kha uvale izikhewu kwezi zivakalisi zilandelayo, usebenzisa ezi zikhuzo zilandelayo:

Tyhini, kwowu, ngxe

3.2.1! zabuhlungu ezo ndaba. 3.2.2 madoda! nithi ndive kakuhle phofu?
3.2.3! mzi wasekhaya, lalani ngenxeba.

(1x3=) (3)

3.3 Nika izichasi zezi zibizo zilandelayo, uze uzisebenzise kwizivakalisi ukubonisa ukuba uyayazi into eziyithethayo.

3.3.1 Ithamsanqa, ichule, inkuthalo, usizi, ubuhomba (2x5=) (10)

3.3.2 Nika izithethantonye zala magama alandelayo, ukhetha kwezi: Inkcuba-buchopho, inqenera, ikhalipha, izifanokuthi, ixumbululu

a) Izithethantonye
b) Ixelegu
c) Ivila
d) Ikroti
e) Ingqondi (1x5=) (5)

3.4 Kha uguqule le ntetho ilandelayo, uqale ngala mazwi:
Ipolisa labuza _______________
"Okokuthi indlela le isingise phi?" Labuza ipolisa. (1)

3.5 Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ngokomyalelo owunikiweyo.

3.5.1 Bhala esi sivakalisi kwimo elandulayo:

Bakho abantu abasebenzela abanye. (1)

3.5.2 Bhala esi sivakalisi kwixesha eladlulayo:

Isikolo sethu sesona sihle eRhawutini. (1)

3.6 Kha uthelekise amaqhalo aku- A neentsingiselo eziku- B. Bhala isimboli kuphela.

| A | B |
|---|---|
| 3.6.1 Akukho qili lakha lazikhotha umhlana | A. Kuyancedwa-ncedwana. |
| 3.6.2 Intaka yakha ngoboya benye | B. Omnye nomnye uyazisebenzela. |
| 3.6.3 Akukho nkwali iphandela enye | C. Uyaludinga uncedo lomnye umntu ngamanye amaxesha. |

(1x3=) (3)

3.7 Kha ulungise la magama akwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo, usebenzise isimamva u-ana.

Sakube 3.7.1 (sinomcimbi) ongephi ngomso. Iyakube 3.7.2 (ilitheko) lokubulisa inqununu yethu yesikolo. (1x2=) (2)

3.8 Lungisa iziphene kwezi zivakalisi. Zibhale ngokutsha ngesiXhosa esisulungekileyo:

a) Thina maXhosa siyisizwe esithanda uxolo.
b) Ndilungise iziphene ezintlanu kweli phepha. (1x2=) (2)

3.9 Sebenzisa ezi zihlanganisi udibanise ezi zivakalisi zilandelayo:

Nokuya, lokuba.

3.9.1 Babemvisisa abantwana. Wayengumfo oneengcwangu. (1)

3.9.2 Lifikile ixesha. Masibhinqele phezulu. (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE: [80]**

**ISIPHELO**